

Kungani ukuba Kungqinwe?



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Yakobi 5:19, 20; Luka 15:6; Zef. 3:17; Yohane 7:37, 38; 1 Tim. 2:3, 4; 2 Kor. 5:14, 15.

Indima Yenkumbulo:

“Kuba oku kuhle, kwamkelekile emehlweni oMsindisi wethu uThixo; onga yena bangasindiswa bonke abantu, bafikelele ekuyazini inyaniso” (1 Timoti 2:3, 4).

U=langazelelo olukhulu lukaThixo lolokuba bonke abantu kuyo yonke indawo basabele kuthando lwaKhe, balwamkele ubabalo lwaKhe, benziwe kumila kumbi nguMoya waKhe, baze basindiselwe ebukumkanini baKhe. Akanalo ulangazelelo olukhulu ukudlula ukusindiswa kwethu. Uthando lwaKhe alunamda. Inceba yaKhe ayinamlinganiselo. Imfesane yakhe ayinasiphelo. Uxolelo lwakhe alupheli. Amandla waKhe awanasiphelo. Ngokungafaniyo noothixo babahedeni, abafuna imibingelelo, uThixo wethu wenze umbingelelo omkhulu kakhulu. Nokuba sikufuna kangakanani ukusindiswa, uThixo unga angasisindisa ngaphezulu. “Kuba oku kuhle, kwamkelekile emehlweni oMsindisi wethu uThixo; onga yena bangasindiswa bonke abantu, bafikelele ekuyazini inyaniso” (1 Timoti 2:3, 4). Umnqweno wentliziyo yaKhe kukusindiswa kwakho nokusindiswa kwam.

Ukungqina konke kungoYesu. Kungento ayenzileyo ukusisindisa, ngendlela aguqule ubomi bethu ngayo, nangeenyaniso ezimangalisayo zelizwi laKhe, ezisixelela ukuba ungubani [uYesu] nangobuhle besimilo saKhe. Kutheni kufuneka kungqiniwe? Xa simqonda ukuba ungubani [uYesu] sikuvile ukumangalisa kobabalo lwaKhe namandla othando lwaKhe, asikwazi ukuthi cwaka. Kungani ukuba kungqinwe? Lo gama sinobudlelane naYe, singena kuvuyo lwaKhe lokubona abantu behlangulwa lubabalo lwaKhe nothando olwenza kumila kumbi.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 4.*

Ukwenza Amathuba Osindiso

UTHixo wenza amathuba yonke imihla ukuba abantu kuzo zonke iindawo ukuba bamazi. Usebenza ezintliziyweni zabo ngoMoya Oyingcwele. Uziveza ngobuhle nakubunzima belizwe lemvelo. Ububanzi, ucwangco, nokumila kweyunivesi kuthetha ngoThixo ongenasiphelo nobulumko obungenamda nonamandla angenasiphelo. Uyazilungisa iimeko okanye ukubonelela kwaKhe ebomini bethu ukusitsalela kuYe.

Nangona uThixo eziveza ngokusebenza kukaMoya Oyingcwele, ubuhle bendalo, nezenzo zokubonelela kukaThixo, esona sityhilelo sicace kakhulu sothando lwaKhe sifumaneka ebomini nakulungiselelo lukaYesu Kristu. Xa sithetha ngoYesu kwabanye, sibanika elona thuba lilungileyo lokuba basindiswe.

Funda: Luka 19:10 uthelekise noYakobi 5:19, 20. Ifundisa ntoni iVangeli kaLuka ngenjongo kaKristu ngokuza emhlabeni? Sisebenzisana njani noKristu emsebenzini waKhe wokusindisa abalahlekileyo?

NgokukaYakobi, “Lowo wamguqulayo umoni ekulahlekeni kwakhe, woba usindise umphefumlo ekufeni” (Yakobi 5:20). Incwadi yabaseRoma iyayinabisa le ngcamango. KwabaseRoma 1 nesi-2, iiNtlanga eziyibonileyo intyilelo kaThixo endalweni namaYuda amkele intyilelo yesiprofeto sikaThixo esiBhalweni bonke balahleke ngaphandle kukaKristu. KwabaseRoma 3–5, umpostile uveza ukuba usindiso luza ngobabalo ngokholo kuphela. KwabaseRoma 6–8, uchaza indlela ubabalo olugwebela ikholwa ngalinye lukwalubabalo olungcwalisayo. KwabaseRoma 10, uxela ukuba “bonke abasukuba belinqula igama leNkosi bosindiswa,” (Roma 10:13), abuye alathe ukuba abakho obanokubiza bengakholwanga, baye bengenako ukukholwa bengavanga, kanti abanakuva kungakhange kubekho umntu obaxelelayo. Singamatyathanga kaThixo kwiicebo losindiso ukuba sifikelele kubantu abalahlekileyo ngobuhle beendaba ezilungileyo.

Asingqini ukuba sibanike abantu ithuba ekuphela kwalo lokuba basindiswe. Singqina ukuze sibanike elona thuba lihle kakhulu. Ithini indawo yethu kwiicebo likaThixo lokuhlangula uhlanga loluntu? Cinga nangale into: bangaphi abantu abayive kowakho umlomo igospile?

Ukuvuyisa UYesu

Ingaba wakha wabuzwa ngumntu esithi, “Injani imini yakho?” “Ingaba yonke into ikuhambela kakuhle namhlanje?” Kunganjani xa uyibuza kuThixo loo mibuzo? “Thixo, injani imini yaKho?” Ucinga ukuba ungafumana impendulo enjani? Mhlawumbi ibingathi: “Imini yam ibinzima kakhulu. Amehlo aM ebezele ziinyembezi ngenxa yamawaka eendawo ezineembacu ezigodolayo, ezilambileyo, nabantwana abakhalayo. Ndihambe kwizitrato ezixineneyo ndalila nabangenamakhaya nabangenathemba. Intliziyo yam yaphukile kukuphathwa gadalala kwabafazi nabantwana abazaliswe luloyiko abathengiselwa ubukhoboka besondo. Ndibone ukudlavula kwemfazwe, iziphumo ezibi kakhulu zeentlekele zendalo nentlungu ebangwa zizifo ezigqiba impilo nezibulalayo” “Kodwa Thixo, ingaba ikho into ekwenza ukuba uvuye? Ingaba ikho into ekunika uvuyo entliziyweni yaKho? Ingaba ikho into ekwenza ucule?”

Funda: Luka 15:6, 7, 9, 10 nama-22–24, 32. Aphela njani la mabali, zaye zikuxelela ntoni ezi ziphelo ngoThixo?

Izulu lonke liyavuya xa abalahlekileyo befunyanwa. Kwilizwe elizaliswe sisifo, yintlekele, nokufa, singaluzisa uvuyo entliziyweni kaThixo ngokwabelana nabanye “ngeendaba ezilungileyo” zosindiso. Enye yezinto ezikhuthaza kakhulu ekwabelaneni ngothando lukaKristu kukwazi ukuba ukungqina kuzisa uvuyo entliziyweni kaThixo. Lonke ixesa sityhila uthando lwaKhe, izulu lonke liyacula.

Funda: Zefaniya 3:17. Isabela njani iNkosi yethu xa sisamkela ubabalo lwaYo olusindisayo?

Kwawucinge nje ngalo mbono. Ngenxa yokungqina kwakho, indoda, umfazi, inkwenkwe, okanye intombazana abathile bamkela uYesu njengoMsindisi wabo. UYesu uyavuya. Lonke izulu litsho ngentlokomla yodlwabevu lwengoma. Yintoni enokuba ngumvuzo omhle, eyanelisa kakhulu, kunokwazi ukuba ukungqina kwakho kuzisa uvuyo entliziyweni kaThixo kwilizwe losizi?

Ukukhula Ngokunikela [ukupha]

ULwandle Olufileyo luphawula eyona ndawo isezantsi emhlabeni. Kwiinyawo ezili-1,388 ngaphantsi komgangatho wolwandle, lulolona lwandle lusezantsi kumhlaba wonke. Umlambo iYordan iphuma kulwandle lweGalili ujikeleze uhamba indlela yawo ude ufike apho ungakwazi khona ukudlula, kuLwandle Olufileyo. Ubushushu, imozulu eyomileyo, nokutshisa kwelanga neemeko zentlango, zenza ukuba amanzi abe ngumphunga ngokukhawuleza. Kuncinane kakhulu okuphilayo kuLwandle Olufileyo ngenxa yobuninzi betyuwa engumyinge wama-33.7 epesenti. Akukho zintlanzi nazityalo; kuphela zizinto ezincinane kakhulu eziphila emazantsi olu lwandle. Kubomi bethu bobuKristu, ukuba izibabalo zikaThixo ezingena ebomini bethu azikwazi ukumpompozela kwabanye, siya kuma sifane nolwandle Olufileyo olungenabo ubomi. Njengoko singamaKristu, asimele kuphila njalo.

Funda: Yohane 7:37, 38 noLuka 6:38. Ngokungafaniyo noLwandle Olufileyo, xa amakholwa efumana amajelo ahlaziyayo amanzi aphilileyo kuKristu, sinokuba njani isiphumo semvelo?

“UTHixo wayenako ukuyifikelela injongo yaKhe yokusindisa aboni ngaphandle koncedo lwethu; kodwa ukuze nathi sibe nesimilo esifana nesikaKristu, kufuneka sibe nenxaxheba emsebenzini waKhe. Ukuze singene kuvuyo lwaKhe,-uvuyo lokubona imiphefumlo ihlangulwa ngumbingelelo waKhe,-kufuneka sibe nenxaxheba ekusebenzeleni kwaKhe ukuhlangulwa kwayo.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, p. 142. “Abo baya kuba ngaboyisi kufuneka bakhutshwe kwiziqu zabo [kumna]; kwaye into ekuphela kwayo enokuwufeza lo msebenzi mkhulu, kukuba nomdla omkhulu kakhulu kusindiso lwabanye abantu.” —Ellen G. White, *Fundamentals of Christian Education*, p. 207. Siyakhula xa sisabelana nabanye koko uKristu akwenzileyo ebomini bethu. Xa sikuphawula konke oko uKristu asinike kona, yintoni engasenza ukuba singakwazi ukupha abanye ngaphandle kokubawa [ukutsalela kuthi] okukhulu? Kanti ke, ukuba siyasilela ukwabelana ngokholo lwethu, ubomi bethu basemoyeni buya kuma ndawonye njengoLwandle olufileyo.

Athini amava akho ngokungqina kwabanye, ukuthandaza nabanye, nokulungisela kwiimfuno zabanye? La mava abe nagalelo lithini kukholo lwakho kwakunye nokuhamba neNkosi?

Ukuthembeka Kumyalelo KaKristu

Ukunyanyiseka kuKristu kufuna ukuzinikela ekwenzeni intando yaKhe. Kufuna ukuthobela imiyalelo yaKhe. Isiphumo iba yintliziyo ebetha kunye nentliziyo yaKhe ekusindiseni abalahlekileyo. Ibeka phambili izinto naYe azibeka phambili.

Funda: 1 Timoti 2:3, 4 ano-2 Petros 3:9. Zisixelela ntoni ezi ndawo ngentliziyo kaThixo? Yintoni ayibeka phambili?

UTHixo unentshiseko ngokusindisa abantu. Akukhonto ibaluleke ukudlula apho kuYe. Lulangazelelo olunenzondelelo kuYe ukuba “bonke” basindiswe “bafikelele ekuyazini inyaniso” (1 Tim. 2:4). “[Akangi] kungatshabalala nabani; (KODWA)[u]nga bonke bangasinga enguqukweni” (2 Pet. 3:9, NKJV). Ichaza ngale ndawo, iThe SDA Bible Commentary ibonisa ukuba igama lesiGrike elisetyenzisiweyo ku “[u]nga” nguboulomai, elibonisa “ukukekela kwengqondo, njengo ‘kufuna’ okanye ‘ukunqwena.’ Inkcazo ithi inike imbono kwiganyana ukodwa elingualla. Lisetyenziswa apha ukucinezela umahluko phakathi kwendalo kaThixo, ethi, unokuba unentumekelelo ukuba abanye batshabalale, kunye nenyano ethi unqwenela ukuba bonke basindiswe.” —*The SDA Bible Commentary*, vol. 7, p. 615. Umyalelo kaKristu kumntu ngamnye kuthi ukuba sibe nenxaxheba emsebenzini waKhe njengamangqina othando lwaKhe, ubabalo kunye nenyano yaKhe uphuma kumnqweno waKhe wokuba lonke uluntu lusindiswe.

Funda: IZenzo 13:47 uthlekise noIsaya 49:6. Yayibhekisa koobani kuqala le ndawo? Uyisebenzisa njani umpostile uPawulos?

Kukho amaxesha esithi isiprofeto seTestamente eNdala sibe neentsingiselo ezimbini. Apha umpostile uPawulos uthabatha isiprofeto esibhekisa kuqala kuIsrayeli size ngokukuprofeta sibhekise kuMesiya (bona uIsa. 41:8, Isa. 49:6, noLuka 2:32) asisebenzise kwibandla leTestamente eNtsha. Ukuba ibandla liyawutyeshela okanye liwucuntse umyalelo kaKristu kusukuba lisilela kwinjongo yobukho balo, lize libe liphosa ubizo lwalo lobuprofeti ehlabathini.

Ukuqhutywa Luthando

Kule veki siye saqwalasela ekuphenduleni umbuzo othi, “Kungani ukuba singqine?” Siye safumana ukuba sabelana ngenkolo yethu, sinovuyo ngokusebenzisana noThixo emsebenzini wokuthunywa ehlabathini. Ubungqina bethu ngothando lwaKhe bunika abantu amathuba amakhulu okusindiswa, kususela ukuba benako ukubona ngokucacileyo ubabalo lwaKhe nenyano yaKhe. Kwangelo xesha linye, ukungqina kukwayenye yeendlela zikaThixo zokukhulisa thina emoyeni. Ukusilela ukwabelana ngoko uKristu asenzele kona nokulungiselela kwabanye kuyabukrwitsha ubomi basemoyeni. Ukungqina kusigcina sichukumisene nentliziyo yaLowo onga lonke uluntu lungasindiswa. Kukusabela kokuthobela umyalelo waKhe. Kwisifundo sanamhla siza kufunda ngeyona nkuthazo enkulu kumntu wonke ukuba kungqinwe.

Funda: 2 Korinte 5:14, 15, 18–20. Yintoni eyakhuthaza uPawulos ukuba afumane izilingo, iinkathazo, iinzima, nokuphatheka kakubi ngenxa yegospile? Le nkuthazo ifanayo ingenza njani ukukhuthaza thina emsebenzini kaKristu?

Umpostile uPawulos wakhuthazwa luthando. Zikho izinto onokuzenza ngenxa yothando nongayi kuzenza nangasiphi isizathu. Xa umpostile esithi “Uthando lukaKristu luyasinyanzela,” wayethetha inyaniso engunaphakade. Igama nyanzela lithetha “ukukhuthaza, ukuqhuba, ukulawula okanye ukukhuthaza ngamandla.” Uthando lukaKristu lwalulawula izenzo zikaPawulos lukhuthaza ukungqina kwakhe. Ngenjongo engenaloyiko nengqondo enenjongo enye, wabelana ngecebo losindiso kulo lonke ilizwe leMeditari.

“Uthando kufuneka luhlale entliziyweni. UmKristu ogqibeleleyo uzifumana iinjongo zakhe zokwenza kuthando lwentliziyo yakhe olunzulu ngakwiNkosi yakhe. Kunyuka kusuka ezingcanjini zokuthanda kwakhe uKristu kuphuma umdla ongenamona [wokutsalela kuye] ngakubazalwana bakhe.”—Ellen G. White, *The Adventist Home*, p. 425. Xa siwuqonda ngokwenene umbengelelo omkhulu uYesu asenzele wona, uthando lwaKhe luyasigubungela lusinyanzele ukuba sabelane nabanye ngoko asenzele kona.

Lowo wenza yonke indalo (iminyama, iinkwenkwezi, umkhosi weengelosi, indalo yonke, amanye amazwe) yayinguLowo wafa emnqamlezweni ngenxa yethu. Ingathini le nyaniso imangalisayo ukungadali ngaphakathi kwethu ukumthanda uThixo nokulangazelela ukwabelana ngolo thando?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Injongo kaThixo Yebandla LaKhe,” amaph. 9–16, neIZenzo Zabapostile, namaph. 822–828 ku-Ulangazelelo Lwamaphakade. Ibandla leTestamente eNtsha lajongana nengozi yokusilela ukuyiqonda injongo yobukho balo. UEllen G. White uyichaza athi le ngozi: “Intshutshiso eyalifikelayo ibandla eYerusalem yaba nomphumela onegalelo elikhulu emsebenzini weendaba ezilungileyo. Kwabakho impumelelo emsebenzini wevangeli kula ndawo, kwada kwakho nengozi yokuba abafundi bangathanda ukujikeleza khona apho ithuba elide, bangawusiso umyalelo woMsindisi wokuba baye kulo lonke ilizwe. Bekulibala ukuba amandla okumelana nobubi azuzwa kakhulu ngokubheka phambili ekusebenzeni, baqala ukucinga ukuba abanawo umsebenzi obaluleke ukudlula ukukhusela ibandla eliseYerusalem kuhlaselo lotshaba. Endaweni yokufundisa amakholwa amatsha ukuba ase ivangeli kwabo bangekayiva, baba senzozi yokwenza ukuba bonke abantu baneliseke koko sekufezwe.” — *IZenzo Zabapostile*, iph. 105.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda ngocoselelo isicatshulwa sikaEllen G. White esingentla. Kutheni kufuneka nathi namhlanje siyilumkele le ngozi enokusihlela? Phambi kwemingeni yovangelo ephambi kwethu, kutheni le nto ingqondo enjalo imbi kakhulu, ide ibe iphume ecaleni ngendlela eyoyikekayo?
2. Ucinga ukuba kutheni iVangeli nganye iphela ngomyalelo ofanayo? Funda: Mateyu 28:18–20, Marko 16:15, 16, Luka 24:46–49, noYohane 20:21. Kwakuthetha ntoni oku kumakholwa enkulungwane yokuqala, yaye imele ukuthini kuthi namhlanje?
3. Kungaba kunako yini ukwenzeka ukuba ukungqina nokusebenza kube sendaweni yokuba semoyeni ngenene? Ukuba kunjalo, njani, saye sinokuwulumkela njani umgibe onjalo?
4. Eklasini, thethani ngempendulo yombuzo osekupheleni kwesifundo sangoLwesibini, esingendlela ukungqina nokulungiselela okunegalelo ngayo kokwenu ukukhula kwasemoyeni. Zeziphi ezinye zezinto enizifundileyo ezinokunceda abanye? Zeziphi iimpazamo enizenzileyo eninganceda abanye ukuba baziphephe?
5. Gxilani kwinyaniso emangalisayo yokuba uThixo usithanda sonke elowo nalowo kuthi. Ucinga ukuba kuthetha ntoni oku? Ingaba oku, mhlawumbi okuyeyona nyaniso ibalulekileyo kwindalo yonke [kwiyunivesi], kunokuba nagalelo lini kwindlela eniphila ngayo?